"Of course," offered Momma, but there was a problem – Momma needed two hands to carry the cake. So, she made a plan. She put the chubby chicken on top of the jar of jam that she was carrying on her head. Now she had two hands to carry the special birthday cake. Off marched Momma, Baby Beka and Sipho through the *ting-a-ling* door. When Baby Beka smelt the cake he mumbled, "Nummy, nummy, num-num." The chubby chicken went *chuk-chuk-chook, chuk-chuk-chook*, the packet of crispy potato chips went *crinkle-crinkle*, Baby Beka's balloon went *bobby-bob* and Momma's slippers went *pliff-pliff, pliff-pliff, pliff-pliff* down the dusty path until they met Valencia.





“I’ve got a chubby chicken for Gogo Moeng. Can you give it to her?” asked Mr Shabalala.

“Of course,” said Momma tucking the chubby chicken under her arm and off marched Momma, Baby Beka and Siphho.

The chubby chicken went *chuk-chuk-chook, chuk-chuk-chook*, the packet of crispy potato chips went *crinkle-crinkle*, Baby Beka’s balloon went *bobbity-bob* and Momma’s slippers went *pliff-ploff, pliff-ploff* down the dusty path until they came to Mrs Makabelo’s home-bake shop.

“Ndinenkukhu eryetyisiweyo endinokuyinika uMakhulu uMoeng. Ndinganiphathisa yona ukuze nimnike?” wabuza uMnumzana uShabalala.

“Ngokuqinisekileyo,” washo uMomma uMoeng eyithi khatha phantsi kwekhwapha loo nkukhu ityetyisiweyo waze wahamba noSana uBeka kunye noSiphho.

Inkukhu eryetyisiweyo yayingxola ikokoza isithi *ko-ko-ko-ko-ko-ko-ko-ko*, ize ipakeethi yetships ezikramzelayo ithi *rhwasha-rhwasha-rhwasha*, ibhaloni yoSana uBeka ithi *bhaku-bhaku-bhaku* zaze iiflops zikaMomma zathi *phaqa-phaqa, phaqa-phaqa* ukuhla ngendledlana enothuli bade batha evenkileni yokubhaka kaNkosikazi uMakabelo.

-----

Siphho’s packet of crispy potato chips went *crinkle-crinkle*, Baby Beka’s balloon went *bobbity-bob* and Momma’s slippers went *pliff-ploff, pliff-ploff* down the dusty path until they came to Mr Shabalala, who was feeding his chickens.

“Where are you going?” he asked.

“We’re going to Gogo Moeng’s house. It’s her birthday,” answered Momma.



Ipakethi kaSiphho yeetships zeetapile ezikramzelayo yayisithi *rhwasha-rhwasha-rhwasha*, ibhaloni yoSana uBeka isithi *bhaku-bhaku-bhaku* zaye iiflopsi zikaMomma uMoeng zona zisithi *phaqa-phaqa, phaqa-phaqa* lo gama behla ngendledlana enothuli, de badibana noMnumzana uShabalala, owayesipha iinkukhu zakhe ukutya.

“Niyaphi na?” wabuza.

“Siya kwaMakhulu uMoeng. Lusuku lokuzalwa kwakhe,” waphendula uMomma uMoeng.

UMomma uMoeng wanqonkqoza kumnyango wangaphambili. USiphho wahlaba ikhwele. UValencia wakhwaza. Kodwa kwakungekho mpendulo. UMomma uMoeng wayihlala ucango lwangaphambili baza bangena ngaphakathi bonke. Kodwa kwakungekho bani apho. Bakhangele ekhithishini – kwakungekho mntu apho. Bakhangele kwigumbi lokulala – kwakungekho mntu nalapho. Bakhangele kuyo yonke indawo. Ingaba uyephi uMakhulu uMoeng?

UMomma uMoeng wathi, “Masigalise ukupheka mhlawumbi uMakhulu uMoeng angavele athi gqi!”

Ngoko ke yiloo nto kanye ethye yenziwa ngabo bonke – wonke umntu ngaphandle nje koSana olunguBeka. Othe yena wahlala phezu kwekhawuntari yasekhithishini esecaleni kweifestile wakroba, de wabona uMakhulu uMoeng esiza, ehamba ngendledlana, esesezantsi kwenduli elithambeka.



Momma knocked on the front door. Siphho whistled. Valencia shouted. But there was no reply. Momma pushed the front door open and they all went inside. But there was no one there. They looked in the kitchen – nobody. They looked in the bedroom – nobody. They looked everywhere. Where could Gogo be?

Momma said, “Let’s get cooking and maybe Gogo will turn up.”

So that is what everyone did – everyone except Baby Beka. He sat on the kitchen counter next to the window and watched until he saw Gogo walking way down the path at the very bottom of the steep hill.

“Gogo! Gogo!” he called. Everyone looked.

“GOGO! GOGO!” everyone shouted together. “GOGO!”

Way down at the bottom of the steep hill Gogo said, “EE-EE-EE. Someone is calling me. Now I can’t go to the shops to buy my birthday supper.”

Gogo turned round and walked all the way up the steep hill. Her slippers went *shuffle-shuffle* on the dusty path. Finally she reached the back door.

“Makhulu! Makhulu!” lwakhwaza uSana olunguBeka. Wonke umntu wakroba.

“MAKHULU! MAKHULU!” bonke bakhwaza ngaxeshanye. “MAKHULU!”

Phaya emazantsi enduli uMakhulu wathi “EE, EE, EE. Kukho umntu ondikhwazayo. Ngoku andikwazi kugqitha ezivenkileni ndizithengele isidlo sangokuhlwa sosuku lwam lokuzalwa.”

UMakhulu wajika waza wanyuka loo nduli ilithambeka. Izilipasi zakhe zazisithi *shixi-shixi, shixi-shixi* kulo ndledlana inothuli. Ekugqibeleni wafika kumnyango wangasemva.





# Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Momma Moeng's surprise* (pages 5, 6, 11 and 12), *Why birds sing at dawn* (pages 7 to 10) and *Thato, the dreamer* (page 14).



# Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *UMomma uMoeng wenze okungalindelekanga* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *Kutheni iintaka zicula ngomsobomvu* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi, *UThato, umphuphi* (iphepha le-15).

## Momma Moeng's surprise

Here are some things to do after you have read the story.

- ★ Choose a part of the story that does not have an illustration and draw a picture for it. Copy out the words from the story that go with your picture.
- ★ What would you have given Gogo Moeng as a birthday present? Write a list of your ideas.
- ★ Make a birthday card for a friend or family member whose birthday is soon – or make one for Gogo Moeng. Remember to write a message inside your card!



## UMomma uMoeng wenze okungalindelekanga

Nazi ezinye izinto ezinokwenziwa emva kokuba ufunde ibali.

- ★ Khettha inxenye yebali elingenamzobo uze uzobe umfanekiso walo. Kopa amagama ahambelana nomfanekiso wakho ebalini.
- ★ Ubuya kumpha ntoni uMakhulu uMoeng njengesipho sosuku lokuzalwa? Bhala uludwe lwezimvo zakho.
- ★ Yenzela umhlobo okanye ilungu losapho elinosuku lokuzalwa oselusondele ikhadi losuku lokuzalwa – okanye yenzela uMakhulu uMoeng. Khumbula ukubhala umyalezo ngaphakathi kwekhadi lakho!

## Why birds sing at dawn

Remember that in Happy-Land the birds and trees could talk to each other. What do you think Mamango and Mama Bird told each other the morning after Mama Bird returned? Try writing their conversation below. Then read it aloud with a friend!

## Kutheni iintaka zicula ngomsobomvu

Khumbula ukuba eMincilini iintaka nemithi ziyakwazi ukuncokola. Ucinga ukuba uMamango noMama uNtaka baxelelana ntoni ngentsasa yasemva kokuba ebuyile uMama uNtaka? Zama ukubhala incoko yabo ngezantsi. Emva koko fundela umhlobo ngokuvakalayo!

Mamango: \_\_\_\_\_

\_\_\_\_\_

Mama Bird/UMama uNtaka: \_\_\_\_\_

\_\_\_\_\_

Mamango: \_\_\_\_\_

\_\_\_\_\_

Mama Bird/UMama uNtaka: \_\_\_\_\_

\_\_\_\_\_

Mamango: \_\_\_\_\_

\_\_\_\_\_

Mama Bird/UMama uNtaka: \_\_\_\_\_

\_\_\_\_\_



## Thato, the dreamer

- ★ Talk about the story.
- ☉ Why do you think the children called Thato names like *mokhukhu* girl?
- ☉ What would you have done if you were Thato?
- ☉ What would you have done if you were there when they called Thato names?
- ☉ Do you think a person is a bully if they call someone else names?
- ★ On your own or with a friend, write the newspaper report about Thato. You may also want to draw a picture to go with your report!



## UThato, umphuphi

- ★ Thetha ngebali.
- ☉ Ucinga ukuba kutheni abantwana bebiza uThato ngamagama afana nokuthi yintombazana yomkhukhu?
- ☉ Ubuya kwenza ntoni ukuba ubunguThato?
- ☉ Ubuya kwenza ntoni ukuba ubukhona apho xa bebiza uThato ngamagama anyembayo?
- ☉ Ucinga ukuba umntu ngumxhaphazi xa ebiza omnye ngamagama anyembayo?
- ★ Wena uwedwa okanye unomhlobo, bhala ingxelo yephephandaba ngoThato. Mhlawumbi ungathanda nokuzoba umfanekiso ohamba nengxelo yakho!



Drive your imagination





# Thato, the dreamer

By Pirai Mazungunye ■ Illustrations by Yvonne Robinson



In Disteneng, just five kilometres from Polokwane, lived a girl named Thato. Thato lived with her mother, Mokgadi, in a house made of poles and iron sheets – a *mokhukhu*. Early in the morning, Thato's mother would walk with her all the way to her primary school in Ladanna.

One morning as they passed the green shack on the corner, people were sitting outside drinking beer.

"Tlou stays here," said Thato. "He doesn't come to school anymore."


"Are you sure?" asked Mokgadi.

"Yes. He said school is for rich people, not poor people," Thato answered sadly. "I miss him so much. He was the only other child from Disteneng at school."

Then Thato ran ahead of her mother. Further down the road, as they got closer to Ladanna, she heard the sound of birds. In Disteneng, she only heard loud music.

Thato worked hard at school. During break time, she always did her homework because it was difficult to do it at home. But it was Grace's birthday today and she had brought cupcakes for everyone in class. Mrs Sephuma handed out the pretty little cakes to the children. Slowly Thato ate a small piece of her cake. It had chocolate icing on top and tasted sweet. It made Thato think about her last birthday. She had not brought cakes, but had sung a song for the class. The teacher had loved it, but not the children. Some of them had sulked, while others said, "*Mokhukhu* girl! Hey, *mokhukhu* girl – the one who sees electricity across the river – where's our cake?"

As she thought about that, Thato did not feel like eating her cupcake anymore. She wrapped what was left of it in some paper and put it in her schoolbag. Then she took out her writing book and started doing her homework.



After school, Thato walked back home behind her mother. As she got closer to the corner where the green shack was, she saw some children, white with dust from head to foot. They were playing games – *kgati*, *tshere tshere* and *diketo* – in the road.

"Here comes the schoolgirl," said one of them pointing at Thato. The children stopped playing. The girls playing *diketo* stopped singing. They looked at Thato in her school uniform that was too big for her. Thato did not mind being called the schoolgirl. It was better than the names she was called at school.

"She is back," they all said together.

"You should come back to school," said Thato. "We can all go to school together."

"Go to school?" they laughed. "Never! You will find nothing there!"

At school it was the same. Sometimes Thato would be upset and cry. Sometimes she would get angry and shout back, "My name is not *mokhukhu* girl! It's Thato! Lucky you, who chose your parents! If I was asked to choose, I would choose to live in a big house!"

Some children laughed, but others said, "She is right. We did not choose where we were born. Thato is right." And after that they only called her Thato.

"So what?" a few unkind children said. "She sang for us on her birthday. Now we will sing a song too: Thato, the *mokhukhu* girl, the dreamer." Then they followed her around the schoolyard singing their unkind song. "Thato, the *mokhukhu* girl, the dreamer." Over and over again.

But, things don't stay the same forever. When Thato turned nine, she could take part in school sports. The first time her teachers saw her run, they knew that she would be a champion!

"You must practise every day after school, Thato," Mrs Sephuma said.

Every day, Mrs Sephuma would give Thato a sandwich and some fruit when the other children were not around. Every day, Thato practised.

When it was the school sports day, Thato came first in all her races. "Now you must run for the school! You must help us win the sports competition this year," said the principal as she gave Thato a big packet.

Thato didn't open the packet until she got home, but as soon as her mother had closed the door, Thato opened it. Inside was a pair of running shoes, running shorts and a T-shirt. Thato ran even faster in her running shoes.

It wasn't long before the same children who had called her *mokhukhu* girl started calling her the bullet girl.

"There goes the bullet girl!" they would shout as she sped past them on the sports field. And at all the races they cheered her on, chanting, "Run, Thato, the dreamer, run. Run, bullet girl!"

After two years of training every day and eating the extra food that Mrs Sephuma brought to school for her, Thato became one of the fastest runners in Limpopo.

One day Thato ran up to her mother as she waited at the school gate. "Mom, mom!" she shouted. "I'm on the Limpopo team! I'm going to Cape Town with the team!"

The principal gave Thato more packets. There was one with running shoes and running clothes. The T-shirts all had Limpopo's emblem on them. There was also a packet with a cap, jeans and a jacket. And there was a small packet with a plastic bank card that had spending money for the trip to Cape Town.

When the time came for the Limpopo team to go to Cape Town, a big bus with soft seats and dark windows came to fetch Thato at her school. She hugged Mokgadi goodbye and climbed up the steps of the bus. As she turned to wave goodbye, she saw Tlou standing next to her mother. Behind him, stood her dusty friends from Disteneng.

She remembered how they used to call her the school girl. She smiled. "You should come back to school," she said.

Thato was the fastest one hundred metre runner in her age group. They wrote about her in the local newspaper and talked about her on the radio. They called her a golden girl in waiting. At school Thato was given a medal at assembly. All the children and teachers clapped for her. And they sang a song over and over again, "Thato, the golden girl, the dreamer."







# UThato, umphuphi

Libali likaPirai Mazungunye ■ Imifanekiso izotywe nguYvonne Robinson  
■ Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi



EDisteneng, umganyana nje oziikhilometha ezintlanu ukusuka ePolokwane, kwakuhlala intombazana egama linguThato. UThato wayehlala nomama wakhe, uMokgadi kwindlu eyayakhiwe ngezibonda nangamazinki – *umkhukhu*. Umama kaThato wayesithi kwasekuseni ahambe naye ukuya esikolweni sakhe sabaqalayo eLadanna.

Ngantsasa ithile xa babedlula kwityotyombe eliluhlaza ekoneni, abantu babehleli ngaphandle besela utywala.

“UTlou uhlala apha,” watsho uThato. “Akasayi esikolweni.”

“Uqinisekile?” wabuza uMokgadi.

“Ewe. Wathi isikolo sesabantu abazityebi, hayi abantu abangamahlwempu,” uThato waphendula elusizi. “Ndiyamkhumbula kakhulu. Wayekuphela komnye umntwana ophuma eDisteneng phaya esikolweni.”

Waza ke uThato wabaleka ngaphambili kukamama wakhe. Ekubeni behlele ngasezantsi endleleni, njengoko babesiya besondela eLadanna, weva intsholo yeentaka. EDisteneng, wayesiva umculo otsholo phezulu.

UThato wayesebenza ngokuzimisela esikolweni. Ngexesha lekhefu, wayesithi qho enze umsebenzi abawunikelwe ukuba bawenze ekhaya kuba kwakunzima ukuwenza ekhaya. Kodwa ke namhlanje yaye ingumhla wokuzalwa kukaGrace kwaye wayethengele wonke umntu eklasini ikeyikana ezincinanana. UNkoskz Sephuma wabanika abantwana ezo keyiki zintle zincinanana. UThato watya iqhekezana lekeyiki yakhe ngokuthe chu. Yayiqatywe ngetshokholethi yaye ivakala switi. Loo nto yamenza uThato wacinga ngomhla wakhe wokuzalwa owawusel’udlulile. Wayengazanga nazikeyiki, kodwa wayeyiculele ingoma ikhosi. Utiitshala wayeyithandle ingoma, kodwa hayi abantwana. Abanye babo babequmbile, abanye besithi “Ntombazana yomkhukhu! Heyi Ntombazana yomkhukhu – wena uwubona umbane ngaphesheya komlambo – iphi ikeyiki yethu?”



Wathi uThato xa eyicinga le nto, waziva engasenamdla wokuyitya ikeyiki yakhe. Wayisongela leyo yayisele ephepheni waza wayifaka kubhaka wakhe weencwadi. Wandula wathabatha incwadi yakhe yokubhala, wenza umsebenzi wakhe wesikolo owenzelwa ekhaya.

Ukuphuma kwesikolo, uThato wahamba emva kukamama wakhe ukugoduka. Wathi xa esondela kulaa kona kwakukho kuyo ityotyombe eliluhlaza, wabona abantwana ababemhlophe luthuli ukusukela ezintloko ukuya ezinyaweni. Babedlala imidlalo – i-kgati, i-tshere tshere ne-diketo – ecaleni kwendlela.

“Nantso isiza intombazana yesikolo,” watsho omnye wabo ekhomba uThato. Abantwana bayeka ukudlala. Amantombazana awayedlala i-diketo ayeka ukucula. Bajonga uThato enxibe iyunifom eyayinkulu kakhulu kuye. UThato wayengakunanzanga ukubizwa ngokuba uyintombazana yesikolo. Oku kwakubhelele kunamagama awayebizwa ngawo esikolweni.

“Ubuyile,” batsho bonke ngaxesha linye.

“Kufuneka nibuyele esikolweni,” watsho uThato. “Singahamba sonke ukuya esikolweni.”

“Siye esikolweni?” bahleka. “Soze! Akukho nto unokuyifumana apho!”

Oku kwakuqhubeka iintsuku ngeentsuku. Ngamanye amaxesha uThato wayekhathazeka ade alile. Ngamanye amaxesha wayecaphuka aze abaphendule ekhwaza, “Igama lam asingoNtombazana yomkhukhu! NdinguThato! Ninethamsanqa nina, enazikhethelayo abazali benu! Ukuba ndandiceliwe ukuba ndikhethe, ngendiyintombi yenqununu kwaye ndihlala endlwini enkulu!”

Abanye abantwana babehleka, kodwa abanye bathi, “Unyanisile. Zange sizikhethele apho sazalelwa khona. UThato unyanisile.” Emva koko bambiza kuphela njengoThato.

“Kunceda ntoni?” latsho iqedlana labantwana abanolunya. “Wasiculela ngemini yokuzalwa kwakhe. Ngoku ke siza kucula ingoma nathi: uThato, intombazana yomkhukhu, umphuphi.” Emva koko bamlandela bejikeleza iyadi yesikolo becula ingoma yabo enolunya. “UThato, intombazana yomkhukhu, umphuphi.” Beyiphinda-phinda.

Kodwa ke izinto azihlali zinjalo ngonaphakade. Wathi uThato akufikelela kubudala obuminyaka ilithoba, waba nako ukuthatha inxaxheba kwimidlalo yesikolo. Bathi beqala nje ootitshala bakhe ukumbona ebaleka, baqonda ukuba uya kuba yintshatsheli!

“Kufuneka uziqhelise qho ukuphuma kwesikolo, Thato,” watsho uNkoskz Sephuma.

Ntsuku zonke, uNkoskz Sephuma wayempha uThato isonka esihlohlweyo kunye neziqhamo ngexesha bengexho abanye abantwana. Ntsuku zonke, uThato wayeqhelisa.

Ngeentsuku zemidlalo yesikolo, uThato wayephuma phambili kulo lonke ugqatso. “Ngoku kufuneka ubalekele isikolo! Kufuneka usincede siphumelele ukhuphiswano lwemidlalo kulo nyaka,” yatsho inqununu, inika uThato ingxowana enkulu.

UThato azange ayivule ingxowana leyo de wayokufika ekhaya, kodwa wathi umama wakhe akuba eluvalele ucango, uThato wayivula ingxowana. Ngaphakathi kwakukho izihlangu zokubaleka, izikhindi zokubaleka nesikipha. UThato wabaleka nangaphezulu ngezihlangu zakhe zokubaleka.

Zange kube kudala baze bathi aba bantwana babembiza ngokuba yintombazana yomkhukhu baqalisa ukuthi yintombazana eyimbumbulu.

“Nantso intombazana eyimbumbulu!” babekholisa ukukhwaza xa wayedlula kubo ngesantya kwibala lemidlalo. Baza basoloko bemkhuthaza qho elugqatsweni besithi, “Baleka, Thato, mphuphi, baleka. Baleka, ntombazana eyimbumbulu!”

Emva kweminyaka emibini yokuziqhelisa ntsuku zonke nokutya ukutya okongeziweyo awayekuphathelela esikolweni nguNkoskz Sephuma, uThato waba yenye yezona mbaleki zinesantya esiphezulu eLimpopo.

Ngenye imini uThato wabaleka waya kumama wakhe owayelinde esangweni lesikolo. “Mama, Mama!” wakhwaza. “Ndikwiqela laselimpopo! Ndiya eKapa neli qela!”

Inqununu yazongeza iingxowana zikaThato. Yabakho ehamba nezihlangu zokubaleka nenye ehamba nempahla yokubaleka. Izikipha zonke zazinomhlobo weLimpopo. Kwakukho nengxowa enekepusi, iijini nebhathi. Kwakukwakho nengxowana enekhadi lebhanki leplastiki elalinemali awayeza kuyisebenzisa kolu hambo luya eKapa.

Lakufika ixesha lokuba iqela laselimpopo linduluke ukuya eKapa, kwafika ibhasi enezitulo ezitofotofo neneefestile ezenziwe mnyama izokubathatha kwisikolo sakhe. Wamwola uMokgadi esithi asale kakuhle waza wonyuka ngezitephusi zebhasi. Wathi xa ejika ephakamisa isandla ukuthi ndlela-ntle, wabona uTlou emi ngakunina. Emva kwakhe kwakumi abahlobo bakhe abanothuli baseDisteneng.

Wakhumbula elaa xesha babefudula besithi yintombazana yesikolo. Wancuma. “Kufuneka nibuyele esikolweni nina,” watsho.

UThato wayengoyena ugqwesileyo kugqatso lweemitha ezilikhulu kubantwana abalingana naye. Babhala ngaye kwiphephandaba lasekuhlaleni baza bathetha ngaye kunomathotholo. Babembiza ngokuba yintombi yegolide esakhulayo. Esikolweni uThato wawongwa ngembasa ngexesha lendibano yesikolo yakusasa. Bonke abantwana nootitshala bamqhwabela izandla. Baza bamvumela ingoma beyiphindaphinda, “UThato, intombi yegolide, umphuphi.”





# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

In Momma Moeng's surprise, Gogo Moeng got lots of birthday surprises! Follow the steps below to create your own poem about surprises. Start each line of your poem with a letter from the word, "surprise".

1. On a separate sheet of paper, write down all the words or phrases you think of when you hear the word, "surprise".
2. Choose which of these words or phrases you want to use in your poem. Remember each line of your poem has to start with a letter from the word, SURPRISE. For example: you could write "people and presents" on the line that starts with the letter, "p".
3. Add in any other words you need to complete your poem.
4. Read your poem aloud.

S \_\_\_\_\_  
U \_\_\_\_\_  
R \_\_\_\_\_  
P \_\_\_\_\_  
R \_\_\_\_\_  
I \_\_\_\_\_  
S \_\_\_\_\_  
E \_\_\_\_\_



Ebalini UMomma uMoeng wenze okungalindelekanga, uMakhulu uMoeng ufumana imimangaliso yosuku lokuzalwa! Landela amanyathelo angezantsi ukuze uyile umbongo wakho ngemimangaliso. Umqolo ngamnye wombongo wakho ufanele ukuqala ngonobumba oyinxenye yegama elithi, "ummangaliso".


1. Kwiphepha elihamba lodwa, bhala phantsi onke amagama okanye amabinzana amagama owacinga xa usiva igama elithi, "ummangaliso".
2. Khetha ukuba ngawaphi kula magama okanye amabinzana amagama ofuna ukuwasebenzisa kumbongo wakho. Khumbula umqolo ngamnye wombongo wakho ufanele ukuqala ngonobumba ovela egameni elithi, UMMANGALISO. Umzekelo: unokubhala uthi "umntu nomnikelo" kumqolo onegama elino "m" kwilungu lalo lokuqala okanye lesibini.
3. Yongeza nawaphi amanye amagama owadingela ukugqibezela umbongo wakho.
4. Wufunde ngokuvakalayo umbongo wakho.

U \_\_\_\_\_  
M \_\_\_\_\_  
M \_\_\_\_\_  
A \_\_\_\_\_  
N \_\_\_\_\_  
G \_\_\_\_\_  
A \_\_\_\_\_  
L \_\_\_\_\_  
I \_\_\_\_\_  
S \_\_\_\_\_  
O \_\_\_\_\_



Can you unscramble the letters to make the names of the birthday gifts that Gogo Moeng received in Momma Moeng's surprise?

ekac \_\_\_\_\_  
amj \_\_\_\_\_  
foeslwr \_\_\_\_\_  
ooblIn \_\_\_\_\_  
pchsi \_\_\_\_\_  
slaeevgtbe \_\_\_\_\_  
enicckh \_\_\_\_\_



Ungakwazi ukulungisa oonobumba ukuze wakhe amagama ezipho zosuku lokuzalwa ezifunyenwe nguMakhulu uMoeng kwibali elithi UMomma uMoeng wenze okungalindelekanga?

ykiieik \_\_\_\_\_  
mje \_\_\_\_\_  
aiytнайtmbo \_\_\_\_\_  
hboinila \_\_\_\_\_  
ispiisthi \_\_\_\_\_  
nfouiim \_\_\_\_\_  
uknihku \_\_\_\_\_

2.

Sometimes Hope likes to make her own sandwiches to take to school. She always puts peanut butter on them. Can you give her some ideas of other fillings she could use? Circle your favourite filling.



<input checked="" type="checkbox"/>	_____
<input checked="" type="checkbox"/>	_____
<input checked="" type="checkbox"/>	_____
<input checked="" type="checkbox"/>	_____

Ngelinye ixesha uHope uyathanda ukuzenzela awakhe amaqebengwana ahlohlileyo awaphatha xa esiya esikolweni. Usoloko eqaba ibhotolo yamantongomane. Ungamnika izimvo ezimbalwa ngezinye izinto anokuzisebenzisela ukuzihlohla? Biyela eyona nto yokuhlohla oyithanda kakhulu.

Impendulo: ikeyiki, item, inhyatambo, ibhaloni, itships, imifuno, inkukhu  
Answers: cake, jam, flowers, balloon, chips, vegetables, chicken

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA) [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA) [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA) [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust and Arena Holdings Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

DailyDispatch

The Herald

Sunday Times

Sowetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

